



**Western Cape
Government**

Cultural Affairs and Sport

Isikhokelo solwaluko nemithetho yokuziphatha

2014

Isiqulatho

1.	linkcazelo zesigama esisetyenzisiweyo	4
2	Intshayelelo.....	4
3	Imvelaphi kunye nenkqubo elandelweyo.....	5
4	Imeko yeleNtshona Koloni	7
5	Imingeni.....	6
6	linjongo.....	7
7	Ekujoliswe kuko	7
8	Okubalulekileyo.....	7
8.1	Ulawulo nothethwano nabathathi-nxaxheba.....	7
8.1.1	Amaqonga olwaluko	8
8.1.2	lingcibi.....	8
8.1.3	Amakhankatha.....	9
8.1.4	Abazali / uSapho nabahlali.....	10
8.1.5	ULondolozo lweNdalo eKoloni.....	9
8.1.6	ISebe lezeMpilo	10
8.1.7	ISebe leMisebenzi yoLuntu	10
8.1.8	ISebe lezoKhuselo loLuntu (SAPS).....	11
8.1.9	Oomasipala.....	11
8.2	Uququzelelo lwePhondo.....	11
8.3	Imilinganiselo yoqeqesho, ukubeka iliso nokuqinisekiswa komgangatho.....	11
8.4	Izikhokelo neenqobo zokugweba ekuchongweni nasekuphuhliseni kweziza.....	11
8.5	Izigaba zolwaluko	13
	Phambi kokwaluka.....	13
	Ngexesha lokwaluka.....	14
	Emva kolwaluko.....	14
8.6	Umthetho kunye neminye imiyalelo yasemthethweni.....	15
9	Isiphelo.....	15
10	Imithombo yolwazi esetyenzisiweyo	15
11	Izigaba zofakelo.....	17
12	Uphumezo..	18

1. linkcazelo zesigama esisetyenzisiweyo

Kulo mgaqo-nkqubo, ngaphandle kokuba umxholo ubhekisa kwenye into:

“Amakhankatha” ngamadoda anoxanduva lokujonga abakhwetha esuthwini. La ngamadoda awalenzayo isiko lokwaluka, ngoko ke azizisele zenyathi ngeezinto zasesuthwini nendlela olukhutshelwa ngayo ulwazi olo.

“Imicimbi yezenkubeko” ziindlela abahlali bendawo abanxibelelana ngazo besabelana ngeempawu zentsulungeko neendlela zokuphila, ezenza ifuthe kwintsebeziswano phakathi kwabo kwizinto ezibachaphazela nangokwasengqondweni.

“Abakhwetha” ngamakhwenkwe afikisayo angenela isiko lokwaluka elibakhupha ebukhwenkweni libangenisa ebudodeni.

“liforamu zolwaluko” ziziseko ezinoxanduva lokuqinisekisa amakhwenkwe aza koluka ukuba akulungele na oko yaye akwayindawo yokuqala ekuyiwa kuyo ngabahlali ngezidingo zabo ezifana naxa befuna ukolusa amakhwenkwe.

“Amasuthu” ngamaziko enkubeko okufundisa abakhwetha ngoxanduva lwabo ekugcineni intsulungeko yentlalo nangokuziphatha okwamkelekileyo.

“Ususo-jwabu” kukusikwa kwejwabu lenkwenkwe yingcibi, loo nto iyenye yezinto ezenziwayo kwisiko lokwaluka.

“Ulwaluso lwenkwenkwe” lixesha lokuphuma kwenkwenkwe ebukhwenkweni ingena ebudodeni, ifundiswa ngexabiso lobudoda.

“Iqumrhu lezifundiswa” liqela labantu abayiqondayo imigaqo-nkqubo kunye nesiko eli lolwaluko, nabalikhonkco phakathi kukarhulumente nabahlali.

“Ixabiso nemfihlo” kuthethwa imicimbi ekhatshwa lisiko lokwaluka ehamba nenkolo ethile eyenziwa phambi kokuba inkwenkwe yoluke, xa sele ingenile esuthwini naxa iphumayo, nalapho ingenguye wonke ubani owaziswayo ngale micimbi.

“Iingcibi” ngabantu abadlanga amakhwenkwe akhutshwa ebukhwenkweni efakwa ebudodeni.

2. Intshayelelo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo libophelelekile kuxanduva lalo olusethethweni lokukhusela, ukunika inkxaso kunye nokulondolozwa kobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwiPhondo leNtshona Koloni. Kungenxa yale mvelaphi apho kuthe kwasungulwa uphando ngemingeni ejongene nabahlali emalunga nokwaluka ngowama-2007 ngokwemithetho-siseko yeBatho Pele edinga uwonke-wonke ukuba athathe inxaxheba. Olu phando lukwagxininisa imingeni eyahlukileyo ejongene neli phondo emalunga nokuchongwa kunye nolawulo lweziza, izenzo zokhuseleko nezococeko, inkathalo phambi nasemva kwenkqubo, ixabiso lenkcubeko yokwaluka, indima yabahlali neyosapho kunye noxanduva lwabo baza kwaluka.

Esi sikhokelo sisekwe ngolu hlobo lulandelayo:

- Sisekelwe kwisindululo esisisiseko sengxoxo sokuba ukwaluka ngumba oyinkcubeko ochaphazela ezempilo;
- Inyathelo lokuqala likhokelwa kwaye liqhutywa liSebe, imibutho yasekuhlaleni, abalondolozisi kunye namagcisa ale nkcubeko exhaswa liQela leNtsebenziswano yamaSebe ngezolwaluko;
- Le nkqubo isekelwe kuphando ngoko ke inesindululo esiqondala kakuhle;
- Siphunyezwa ngokwezigaba nangokujolise kokuthile;
- Siyacebisa.

3. Imvelaphi kunye nenkqubo elandelweyo

Ulwaluko lwenziwa luluntu lweenkcubeko ezininzi. Luqhutywa ngeendlela ezininzi nangamaziko ohlukeneyo. Lubonisa indlela abantu abaphawula ngayo ukusuka kwinqanaba elithile lobomi ukuya kwelinye. Lusithethe sendlela yokwamkelwa komntu okanye iqela labantu kwiqela okanye kwinqanaba elithile ebuntwini. Imizekelo eyaziwayo jikelele yokwaluka ibandakanya ukuphehlelelwa kwamaKrestu okanye iJewish bar mitzvah. Ukwaluka njengesithethe kusoloko kuthathwa lula kakhulu luluntu. Ababalisi abaninzi kunye nabayili benkqubo bakulinganisa nokudlangwa nje kuphela. (Jonga kolu xwebhu: Report on Public Hearings on Initiation Schools in South Africa by the Cultural Religious, and Language Rights Commission p. 10)

Izenzo zenkcubeko yindlela yoluntu yokuxelelana iinqobo ezisemgangathweni, iindlela zokuphila, uthelwano lwabahlali ngokwasengqondweni nokufundisa. Izazi ngabantu njengezidalwa (i-Anthropologists) zohlula isithethe sendlela ekuqhutywa ngayo kathathu: esibukhalenda, esilungisa ilishwa, kunye nesokungena kwelinye inqanaba lobomi. Isithethe sendlela yokugena ebudodeni singena kule yokugqibela, kwaye ibonisa utshintsho ukusuka

ebukhwenkweni ukuya ebudodeni. Ukwaluka kwamaXhosa, abeSutho kunye namaHlubi kokona kuphambili eNtshona Koloni. Akukho budala buqingqiweyo ngesithethe senkqubo yokungena (koluswa amakhwenkwe aphakathi kwe-15 nama-25 ubudala). Ukwaluka sisixhobo esibalulekileyo sasekuhlaleni esijongene nokukhula. Uqeqesho nokulungiswa kwezimilo esuthwini kudala ukutshintsha kwezenzo zobuntwana zibe zezo zilindelekile kubuntu obudala (Shlegel, A & Barry, H. 1991. *Adolescence: An anthropological inquiry*).

Iindawo zokwalukela (amabhuma) zithathwa njengamaziko emfundo yenkcubeko apho amakhwenkwe afundiswa iinqobo ezisemgangathweni zasekuhlaleni, ingqeqesho kunye nokuziphatha okwamkelekileyo, kwanangenkcubeko yawo. Iinqobo ezisemgangathweni ezidluliselwa kumakhwenkwe aselula njengokuba ekhula engena ebudodeni zibaluleke kakhulu kuphuhliso lwawo ngokwasengqondweni nasekuhlaleni kwinqanaba eliphakathi lobuntwana kunye nelobuntu obudala.

Inqanaba lobudala obuphakathi, ngokukaMead (1973), ukuba aluhlolwa, lungatshabalalisa inqanaba lobudala eliphakathi, usapho kunye nokuhlala ngokubanzi. UMead (ibid) ulicacisa eli nqanaba njengelibuthathaka. Inkwenkwe ayisenguye umntwana, kwaye ayikabiyiyo indoda, ayibandakanywa ntweni ekuhlaleni. Uxoxa athi; "Eli leli xesha baqala ukujonga ngaphaya kweziqu zabo ngalo abantwana kwaye bajongene nokukhetha phakathi kwezinto ezimbini: ukuthi bangene kuluhlu lwabantu abadala abathembekileyo okanye bazimanye nabalingane babo" (Mead, 1973, p. 3). Ngako oko indima yokwaluko ibaluleke kakhulu ekuncedeni ekukhokeleleni umfana osemntsha abe yindoda ethembekileyo enesidima ngokupheleleyo ekuhlaleni.

Nangona esi sithethe sele sinenkqayi nje, sijongene neemfuno zale mihla kwakunye neningeni yoko. Ukomelela kwaso kuthelekiswa nokubanako kwaso ukulungela nokulungiselela le mihla, kwakunye nokufumana indawo yaso elungele sona. Ngaphaya koko, ukwaluswa kwamadoda kule mihla kujongene nomngeni wokukhala koluntu ngenxa yeengxaki ezigubungele esi sithethe.

Iziko lokwaluka kunye nokhuseleko, umoya kunye nenkolo lilungelo labahlali. UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika ucacile kukhuselo kunye nenkqubela phambili yala malungelo. Ukhuseleko lwala malungelo luqinisekiswa yimibutho ethile yoMgaqo-siseko esebenza ngokuzimeleyo kurhulumente, ejonga ukhuseleko lwamalungelo enkubeko, nethi iqinise intando yesininzi yomgaqo-siseko apha kwiRiphabliki.

4. Imeko yeleNtshona Koloni

Ngokwembali iNtshona Koloni inabantu abambalwa kakhulu abaxhasa nabasalandela inkcubeko yokwaluka njengoko isenziwa ngamaHlubi, abeSotho kwakunye namaXhosa kuphela. Esi senzo sesinye soondoqo benkcubeko yala maqela akhankanywe ngentla. Uphononongo lubonise ukuba ukwaluka kwabantu abangamadoda kuqhelekile kwintlalo yabantu susela kubude beminyaka emalunga nama-5 000 kwaye namhlanje kwenziwa sisinye esithandathwini senani labemi behlabathi (Helman, C. 2000. *Culture, health and illness*, iphepha 13). Ukwaluka kuneengcambu ezinzulu kwintlalo yethu, akukho kuphela kwimimandla esemaphandleni yeli Phondo, kukwakho nakwizixeko ngokunjalo.

5. Imingeni

Uphando olugunyaziswe liSebe lugxininisa oku kulandelayo:

- Ukwanda kokusetyenziswa kakubi kwezinyobisi notywala kwiindawo zokwalukela;
- Amanya wamakhankatha neengcibi azingaqeqeshwanga;
- Imeko ezilambathayo zempilo nezokuhlala esuthwini nakwiindawo ezingezinye zokwalukela;
- Amakhwenkwe oluswa engekayilungeli ngokupheleleyo imeko yalapho, umzekelo aya engaphilanga okanye enezigulo ngokuphangaleleyo okanye kumalungu esini nakumanye amalungu omzimba;
- Ukusilela kokujongwa nokugcinwa kwemigangatho yezempilo efanelekileyo esuthwini nakwiindawo zokwalukela;
- Izifo ezitsha ezivelayo, umzekelo iHIV/AIDS, intsholongwane yegcushuwa;
- Imeko yendawo engekho sempilweni, umzekelo imigxobhozo okanye iziza zokulahla inkunkuma ezikufutshane;
- Ukungabikho kohlaza lwendalo olufunekayo ekwenzeni lo msebenzi;
- Ukusetyenziswa kweendawo zokwalukela ngendlela engayongiyo indalo;
- Uninzi lwemihlaba efanelekileyo isezandleni zabucala;
- Ukukhula kwamakhwenkwe asuka kumakhaya anomzali omnye;
- Ukusilela kobunkokeli eluntwini;
- Ukufudukela kwisixeko;
- Nempembelelo yokwenziwa kwezinto ngokwala maxesha.

6. Injongo

Injongo yesi sikhokelo kukudala isimo esikhuselekileyo nesivumela ukudlulela kubantu obudala nakubumi obuthembekileyo ngendlela esebenzayo.

7. Ekujoliswe kuko

- Ukwandisa nokuqinisa amanyathelo okuqala asekuhlaleni nakarhulumente aphucula ukwenziwa kwenkcubeko yokwaluka;
- Ukunika izikhokelo zokwaluswa kwamakhwenkwe;
- Ukucutha ukungavisisani phakathi kwabahlali norhulumente ngezolwaluko;
- Ukwandisa intsebenziswano phakathi kwamaphondo;
- Ukufaka nokumilisela inkqubo yolwaluko ukuze iqheleke njengenxalenye yenkcubeko eNtshona Koloni;
- Ukuphucula imigangatho kunye neenkqubo ezikhoyo;
- Nokukhuthaza ukuthatha inxaxheba nokubandakanyeka kwabahlali.

8. Okubalulekileyo

- Ulawulo kunye nothethwano nabathathi-nxaxheba;
- Imilinganiselo yoqeqesho, yokukhankatha nokuqinisekiswa kwentsulungeko;
- Ukulungelelaniswa kwamaPhondo;
- Ukunika izikhokelo kunye neenkqubo zokuchonga iindawo zokwalukela nokuphuhliswa kwazo;
- Nemigangatho elindelekileyo kumagosa olwaluko.
- Abazali / usapho kunye nabahlali.

8.1 Ulawulo nothethwano nabathathi-nxaxheba

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngumthathi-nxaxheba okhokelayo ngokoxanduva lwasemthethweni lokukhusela nokulondoloza ilifa lenkcubeko yePhondo. Eli Sebe lenza kube lula ze lilungelelanise igalelo labathathi-nxaxheba abohlukeneyo kule nkqubo. Oku kuhambelana necandelo 6.2 leWhite Paper yeBatho Pele ethi, "iBatho Pele iza kufuna ukumisa intsebenziswano nabahlali ngokubanzi apho ushishino, iiNGO, iiCBO, amaziko emfundo ephakamileyo kunye neminye imibutho ekuhlaleni yonke inganendima eyenzayo."

8.1.1 Amaqonga olwaluko

Amaqonga olwaluko linyathelo lokuqala lokudibana kwabenza isithethe sokwaluka kwaye ayimfuneko ekuhlaleni ukuze sibe nokwenziwa esi sithethe. Kucetyiswa ukuba la maqonga makenziwe ngabantu namaziko achaphazeleka ngqo okanye anempembelelo kwinkqubo yolwaluko. Iinkokeli zokuhlala, amagosa olwaluko, abasebenzi bezempilo kunye nooceba bamelwe kule mibutho. Amaqonga olwaluko kufanele anyamekele imiba enxulumene nezigaba ezithathu zolwaluko ezizezi, izinto ezingundoqo zaphambi kokwaluka, ulwaluko ngokwalo nezasemva kolwaluko.

8.1.2 Iingcibi

Iingcibi zinendima engundoqo ekukhokeleni nasekufezekiseni inkqubo yolwaluko kwaye zingamajelo axabiseke kakhulu obuchule obuye bunqaba ngokunqaba. Iingcibi zifuna ulwazi oluphangaleleyo kunye nesakhono ukuze ziphumeze umsebenzi wazo. Zingabathathi-nxaxheba abaphambili kuqeqesho kwaye ngaphandle kwentsebenziswano, imvume nemfezeko yazo oko kungaphanzisa intsulungeko yesi sithethe.

Iinkqubo ezilawula iingcibi:

- Iingcibi kufuneka zibe zingaphezu kweminyaka angamashumi amane (40) phambi kokuba zibhaliswe.
- Akukho iingcibi ziya kuvunyelwa ukuba zoluse amakhwenkwe zingabhaliswanga okanye zingakhange zibe kanti zinamava afanelekileyo.
- Akukho iingcibi mayoluse mntu inxilile okanye itye iziyobisi.
- Iingcibi kufuneka ziqinisekise ukuba indawo yolwaluko icocekile kwaye ayinakudala lutyhefeko zizifo.
- Iingcibi kufuneka ziwancedise amakhankatha ekuhloleni amanxeba abakhwetha kwiintsuku ezisibhozo zokuqala.
- Iingcibi maziqinisekise ukuba amakhankatha enza umsebenzi onguwo yaye kufuneka zinike iiforamu zolwaluko nabazali ingxelo ngayo yonke into engahambi ngendlela.
- Limeko zonyango ezivela ekhwapheni kufuneka zixelwe kwiforamu yolwaluko echaphazelekayo kwaye kufuneka abakhwetha abo babalekiselwe kugqirha ukuze bafumane unyango olufanelekileyo.

8.1.3 Amakhankatha

Inkqubo yokugqithisela imfundo ixhomekeke kuwo. Amakhankatha anoxanduva lokukhathalela abakhwetha kwaye enza indima ebalulekileyo ekukhathaleleni abakhwetha emva kwenqanaba lokudlangwa, kodwa kukho imfuneko yokukhulisa ulwazi kumakhankatha ukwenzela ukuphucula ukukhathalela nokucutha ukonzakala kunye nokufa kwabakhwetha.

Kukhethwa ukuba ikhankatha libe yindoda, nayo ibe sele yoluka yaye ifikile kumashumi amathathu anesihlanu (35) eminyaka nangaphezulu, kunjalonje ibe ikho koluya luhlu lubhaliweyo.

Ikhankatha liqinisekisa ukuba kwenziwa ungenelelo⁷ kuselithuba, umkhwetha afumane unyango nokukhuselwa ngethuba xa kunokuba yimfuneko kananjalo azise usapho okanye abo bameli babo banyuliweyo.

8.1.4 Abazali / usapho nabahlali

Abazali (abantu abajonge abantwana), iintsapho nabahlali ngokubanzi banesabelo sabo esikhulu soxanduva xa abantwana besesuthwini. Kufuneka babaxhase emoyeni nangezinto nje azidingayo la madodana. Abakwazi nje ukuyibaleka indima yabo phambi kokwenziwa kwesiko nasemva kwalo (xa sebesesuthwini abantwana), ndima leyo ekukubabonelela ngazo zonke izidingo ngalo lonke elo xesha bezimase isiko elo endle.

Ngabazali okanye abo bantu bajongene nabantwana ekufuneka benike inkwenkwe imvume yokuba yoluke, baqinisekise ukuba bayahlolwa baxilongwe, futhi babonise isiqinisekiso sempilo-ntle okanye iphepha likagqirha.

8.1.5 ULondolozo lweNdalo eKoloni

Uxanduva lalo mbutho kukulondoloza nokugcina indalo nokuyingqongileyo yendawo apho ulwaluko lunempembelelo khona. Igalelo lawo ligxile ekuqeqesheni nasekwaziseni uluntu ngezinto ezibalulekileyo ukuqinisekisa ukuba inkqubo yolwaluko iyithathela ingqalelo indalo nokuyingqongileyo ngokuthi kubonelelwe ngoqeqesho nesikhokelo eluntwini. Ngaphezu koko, eli ziko linika isikhokelo esisemgangathweni sokuchonga nokuphuhlisa iindawo zokwalukela kwiindawo zokulondoloza indalo nakwezinye iindawo ukuba kuthe kwakho imfuneko. Lo mbutho uthethana noluntu ukucutha ukungenelwa komhlaba luluntu nokukhuselwa kwaleyo ilondolozelwe okuthile ngezizathu zendalo nokuyingqongileyo.

8.1.6 ISebe lezeMpilo

Ukwaluka yinkcubeko ebandakanya ezempilo. ISebe lezeMpilo linamaziko alungileyo anokuthi asetyenziswe ekufezekiseni iinjongo zale nkqubo. Eli Sebe liza kusele lijonga ukuvelisa imithetho yokuziphatha kunye neempendulo kule miba ilandelayo:

- Unyango lokuqhambuka kwesifo olungundoqo kunye nolawulo lokwanda kwesifo kwiphondo, ukwenzela ukulawulwa kwezifo nokosuleleka kwindawo zokwalukela;
- Ukungeniswa kumaziko empilo xa kukho into exakileyo (kuquka neendlela zokugqithiselwa kumany' amaziko ezempilo);
- Ukufunyaniswa kwangethuba kweengxaki zezempilo kubakhwetha;
- Ukuqeqeshwa kweengcibi, amakhankatha kunye nabahloli;
- Ukulawulwa kokufumaneka kwezinto zonyango ezisisiseko ngamagosa olwaluko aqeqeshiweyo kwikliniki zephondo;
- Ukufikelela emabhumeni nokunika inkxaso kwinkqubo zolwaluko;
- Kwanokugcina uvimba weenkukacha kunye neenkukacha-manani malunga neendawo zokwalukela ngokusebenzisa amahlelo esebe.

8.1.7 ISebe leMisebenzi yoLuntu

ISebe leMisebenzi yoLuntu linobungcaphephe bokuncedisa ukukhulisa nokunika iziseko ezizizo kwiindawo zokwalukela ezinjengezi:

- Ukwazisa ngobunini bomhlaba;
- Ukuthethana nomnini-mhlaba oza kusetyenziswa njengeziza zokwalukela;
- Nokugcinwa kwezo ziza zisemgangathweni, ukusetyenziswa kweNkqubo eyaNdisiweyo yeMisebenzi yoLuntu.

Kufuneka kungenwe kwizivumelwano ekusetyenzisweni komhlaba karhulumente wesizwe.

8.1.8 Isebe lezoKhuseleko loLuntu / Isipolisa (SAPS)

Amakhwenkwe aba sesichengeni kwaye ajamelana neningeni emininzi xa esesuthwini, kubandakanya ukhuseleko lwawo, ngoko ke kubalulekile ukuba icandelo lezokhuseleko loluntu luzibandakanye engekoluswa lawo makhwenkwe aza kungena kanti naxa esesesuthwini.

8.1.9 Oomasipala

Oomasipala mabaqinisekise ubonelelo ngezixhobo eziyimfuneko, njengomhlaba, amanzi acocekileyo kunye neendawo zokwalusela. Kufuneka kungenwe kwizivumelwano noluntu ukuze umhlaba wabiwe ngendlela efanelekileyo.

8.2 Uququzelelo lwePhondo

Injongo kukulungelelanisa iinzame zephondo ukuqinisekisa impatho enempumelelo nesulungekileyo yokwaluswa kwamakhwenkwe kwanokulungelelanisa imigaqo eyahlukeneyo. Iqonga lezolwaluko lentsebenziswano yamasebe liza kugxila koku kulandelayo:

- Ukukhetha amagosa anokukwazi kakuhle ukulungelelanisa iinkqubo zesebe neemfuno zenkqubo yolwaluko;
- Ukuqulunqwa kwesicwangciso sonyaka esimanyanisiweyo emasisetyenziswe yikomiti yamaqabane achaphazelekayo;
- Ukuqinisekisa nokugcina uvimba weenkucukacha ezichanekileyo zolwaluko kweli phondo;
- Nokuchonga kwanokusabela kwiinkqubo zolwaluko ezilandelwayo.

8.3 Imilinganiselo yoqeqesho, ukubeka iliso nokuqinisekiswa komgangatho

Uqeqesho lujoliswe ekukhuliseni ukuqonda okufanayo kwimiba ephathelene nokwaluka.

- Uqeqesho lwamakhankatha, iingcibi kunye nabahloli lufanele lube yinto eqhubekayo kwaye lugxile kwiinkalo zezempilo nococeko, ukulawulwa nokuphathwa komlilo kunye nokusetyenziswa kwendalo ngendlela enokulolongeka;
- Uqeqesho lwamalungu eqonga lolwaluko lufanele lujoliswe ekuphuhliseni umbutho;
- Nokubeka iliso kufanele kugxile kwimiba echaphazela konke ukuphuculwa kweendawo zokwalusela, ukuphuculwa kweendlela zokuphathwa kwabakhwetha, ukwehliswa kwezehlo zokonzakala kwabakhwetha nokunyuswa kwezinga lokuthobela imigaqo.

8.4 Izikhokelo neenkqubo zokugweba ekuchongweni nasekuphuhliseni kweziza

Ukuchongwa kweendawo ezinokusetyenziselwa ukwalusela nokuphuhliswa kwazo kwenziwa ngokwale migqaliselo ilandelayo:

Okuphambili	Inkcazelo/Umbuzo	Iinqobo zokugweba
Ukusetyenziswa okanye iqondo (scale)	Ingaba angakho amalungiselelo eendawo ezimbalwa zengingqi okanye kungcono kubekho iindawo ezincinci zasekuhlaleni okanye okona kungcono ukudityaniswa kwazo?	Iindawo ezi-3-4 zengingqi Iindawo ezincinci kumdibaniso wommandla ngamnye.
Indawo	Ngaba indawo ingafumaneka ngaphandle kommandla wedolophu; kude kangakanani?	Phakathi ekuhlaleni Singabikho kumgama ongaphezulu kwe-5 km ukusuka ekuhlaleni, sibe kumgama oyimizuzu engama-20 ngenqwelo-mafutha.
Ubukhulu	Buthini ubuncinane bendawo kwaye ukuba kukhethwe iindawo zengingqi buthini ubukhulu obufanelekileyo?	1-3 ha 3-7 ha <7 ha
Iinkonzo	Zeziphi iinkonzo ezifunekayo kulo ndawo? Xa indawo isedolophini, kufuneka kuthathelwe ingqalelo ubukho bamanzi nococeko.	Akukho zinkonzo Ngamanzi odwa Ngamanzi nococeko Ukuthathwa kwenkunkuma
Ubume bendawo	Ingaba zeziphi izityalo ezifunekayo? Ingaba indawo ingasecaleni kolwandle? Kufuneka sibe sethafeni okanye entabeni?	Izityalo ezininzi ethafeni Isanti nezityalo ezimbalwa ecaleni kolwandle
Ukufikelela nokupaka	Ingaba kufuneka indlela yokungena kweenqwelo-mafutha nokupaka Ingaba iibhasi kufuneka zikwazi ukuya kule ndawo?	Akukho nqwelo-mafutha zinokungena Kungena iinqwelo-mafutha kuphela Indawo yokupaka Iibhasi ziyangena
Ubunini	Ngokweminqweno kufuneka umhlaba ube ngokarhulumente	Kawonke-wonke Wabucala
Okunye	Ingaba indawo kungabelwana ngayo nabanye abantu kwizinto ezifana nezolimo lwasezidolophini, njl-njl?	Ngabakhwetha kuphela Nababanye abantu bamkelekile ukuyisebenzisa

Iindawo ezichongelwe ukwalusela ziza kusetyenziswa ngendlela ethathela ingqalelo indalo nokuyingqongileyo nangendlela enokuzigcina zisebenza ngokufanelekileyo. Indawo zokwalusela kufuneka zihambelane nezi nto zilandelayo:

- Umhlaba kufuneka ube ngokarhulumente;
- Kufuneka kusungulwe ze kutyikitywe isivumelwano sentsebenziswano ngokuphathelele kulawulo nokusetyenziswa kwendawo yokwalusela phakathi komnini womhlaba nombutho wabahlali owaziwayo;
- Isicwangciso sophuhliso lwendawo yokwalusela nganye kufuneka senziwe ukuze sijongane nokubonelelwa kwayo ngezixhobo ezifunekayo, ukungena nokupaka, ukulawulwa kwenkangeleko yomhlaba ixesha elide kunye nokugadwa kwayo;
- Kwanemiba yezempilo nococeko namanzi acocekileyo, iishawara nezindlu zangasese kufuneka ithathelwe ingqalelo. Ukuthathwa kwenkunkuma kunye nokhuseleko kumlilo wamadlelo kufuneka kuqwalaselwe.

8.5 Izigaba zolwaluko

Ulwaluko lulawulwa ngokwezigaba ezithathu ekufuneka ziqwalaselwe.

Phambi kokwaluka

Kwisigaba sokuzilungiselela iintsapho nabahlali bayacebisana ze benze izigqibo ngenkqubo yolwaluko emayilandelwe, oku kuquka oku kulandelayo:

- Ubungqina besivumelwano obutyikityiweyo obusuka kubazali okanye kumgcini womntwana osemthethweni oza kwaluka ongaphantsi kweminyaka engama-21, obu bungqina kufuneka buvezwe kwigosa lezempilo phambi koxilongo;
- Abo baza kwaluka baza kuxilongwa ngamagosa ezempilo kwiinyanga ezimbini phambi kokuba boluke ukukhangela naziphi na iingxaki zempilo ezinokuthi zibekho ngexesha lokwaluka. Oku kwenziwa kwiikliniki zasekuhlaleni nakumaziko ezempilo;
- Isiqinisekiso esisuka kwigosa lezempilo siza kunikwa inkwenkwe eza kwaluka kunye nosapho ukuze kuqwalaselwe nayiphi na imfuno engaqhelekanga anokuthi lowo uza koluka ayidinge;
- Usapho kunye, okanye umntu olumeleyo uza kubhalisa lowo uza kwaluka kwiqonga lolwaluko lasekuhlaleni elifanelekileyo okanye kuceba ofanelekileyo eyalatha indawo eza kusetyenziswa kwanomhla aza kwaluka ngawo.

Ngexesha lokwaluka

Esi sigaba siqinisekisa impilo okanye imo yomzimba wenkwenkwe eza kwaluka kwaye sigxininisa oku kulandelayo:

- Ingcibi kufuneka isebenzise isixhobo esingena zintsholongwane ekudlangeni;
- Ingcibi akufuneki isebenzise isixhobo esinye kumakhwenkwe amaninzi;
- Isixhobo ekufuneka sisetyenziselwe ukudlanga kufuneka sivunywe ngumzali okanye ngumgcini walowo uza kwaluka phambi kokuba sisetyenziswe;
- Abahloli abaqeqeshiweyo abanolwazi ngesi senzo baza kumane besindwendwela isiza bezo kuvavanya impilo kunye nokhuseleko lwabakhwetha, baphonononge ucoceko kunye nezempilo kwindawo leyo;
- Imiba exhalabisayo iphakanyiswa kumbutho nakwiziko lezempilo lasekuhlaleni;
- Imicimbi enjalo kuza kujongwana nayo kangangoko kumgangatho wasekuhlaleni xa imeko ikuvumela oko ze ibhaliswe kwiziko lezempilo elikufutshane;
- Igosa lezempilo elinolwazi ngokwaluka liza kubizwa xa kunokuthi kubekho naziphi naliingxaki ze ngokusekelwe kuvavanyo lwakhe lithathe izigqibo ezifanelekileyo. Ingxelo iza kufakwa kumaziko ezempilo asekuhlaleni afanelekileyo. Akukho mntu ngaphandle kwekhankatha eliqeqeshwe ngokommiselo oza kunyanga umkhwetha;
- Umkhwetha wonyulelwa ikhankatha eliqeqeshiweyo kwaye akukho khankatha eliza kukhathalela abakhwetha abangaphezulu kwesihlanu ngaxesha-nye;
- Ikhankatha kufuneka lichaze ngokukhawuleza naluphi na uphawu lokugula okanye ukonzakala kubahloli, kwigosa lezempilo okanye kumalungu ombutho wokwaluka wasekuhlaleni;
- Ikhankatha kufuneka liqinisekise ukuba abakhwetha abaphantsi kwalo abekho sengozeni yokosuleleka kwiintsholongwane okanye kwingqele egqithisileyo okanye kunxano olugqithisileyo, ingakumbi kwiintsuku zokuqala ezisibhozo umkhwetha esekhusini.

Emva kolwaluko

Abakhwetha abaphuma bengaphilanga ngokupheleleyo, ngenxa yeemeko ezithile, baza kunyangwa kumaziko ezempilo asekuhlaleni. Kufuneka bakhathalelwe ngabasebenzi beziko lezonyango ukwenzela ukuqinisekisa imfihlakalo ngexesha le nkqubo yonyango.

8.6 Umthetho kunye neminye imiyalelo yasemthethweni

- UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996);
- Ukusetyenziswa kweMigangatho yezeMpilo kuLwaluko lweMveli, (Mpuma Koloni), (uMthetho 6 ka-2001);
- Kunye noMthetho iTraditional Practitioners Act (uMthetho 22 ka-2007).

9 Isiphelo

Ulwaluko sesinye sezithethe ezithe zamelana notshintsho kwezokuhlala, kwezoqoqosho, nakwezopolitiko iinkulungwane ngeenkulungane. Obu bubungqina kwixabiso elayanyaniswa nale nkubeko ngabahlali abasakwenzayo oku. Ikwabubungqina bokuba ulwaluko lunako ukumelana nokutshintsha kwamaxesha.

Ngako oko ke oku kufuna ukuba iSebe, ngokoxanduva lalo lwasemthethweni, lisungule iindlela ezingazukukhusela nje esi sithethe kuphela, koko liqinisekise ukuba sihambelana nophuhliso lwale mihla kwaye songeza ixabiso kwinkubeko yoluntu lweli Phondo.

10 Imithombo yolwazi esetyenzisiweyo

1. CRL Commission Report (2010). Public Hearings on Initiation Schools in South Africa, Rights, Dr Ralarala.
2. Mead, M (1973). *Coming of Age in Samoa: A Psychological Study of Primitive Youth for Western Civilization*. American Museum of Natural History, New York: New York University Press.
3. Thomas Q (2009). Provision of initiation sites in the City of Cape Town: Metropolitan Spatial Planning Perspective. A paper delivered at the 2009 Initiation Indaba, Cape Town.
4. Dr Guma M (2007). A Situational Analysis of sites for Male Initiation Schools Location in the Western Cape Province.
5. Western Cape Health Department (2009). Health-sector Circumcision Strategy & Operational Plan.
6. Notice 1459 of 1997. White Paper on Transforming Public Service Delivery (Batho Pele White Paper).
7. Egger: Studies in Puberty amongst youngsters in Papua New Guinea.
8. Consultative Workshop (Valkenberg) Report, 30 May 2013 (Cape Town).
9. Yingxelo yequmrhu leengcebiso ngalo mba eyayiseValkenberg, ngomhla wama-30 kuMeyi ka-2013, eKapa.

11 Izigaba zofakelelo

ISIGABA 1 UPHANDO	ISIGABA 2 ULWAZISO OLUSESIKWENI NOQEQESHO	ISIGABA 3 UKUFUNDA USENZA NOKUPHUCULA	ISIGABA 4 UKUSUNGULWA KWEZIKHOKELO
<p>Ukuqalwa kweProjekthi</p> <p>Uthungelwano nothethwano (ukwakha intembeko)</p> <p>Utyelelo lweendawo zophando nokuqokelela iinkcukacha</p> <p>Ukuphicotha ulwazi kunye nokubhala ingxelo</p> <p>Iingcebiso nezindululo</p>	<p>Ukubuyela eluntwini (ukucebisana)</p> <p>Ukuchonga iinkalo zentsebenziswano noluntu</p> <p>Ukuphicotha iimfuno nokuvelisa isicwangciso sokusebenza</p> <p>Ukuchonga iindawo zokwalusela ezifanelekileyo ekuhlaleni</p> <p>Ukuthethana nabanini bomhlaba abachaphazelekayo ukwenzela ukufumana iindawo zokwalusela</p> <p>Ukuchonga iindawo ezinempembelelo emandla</p> <p>Ukunika uqeqesho olufanelekileyo</p> <p>Ukuqala iprojekthi kwezi ndawo</p> <p>Ukumisa iqonga lamaqabane achaphazelekayo nokusungula izivumelwano ezicacileyo nemiqathango</p>	<p>Ukumisa iinqobo zokubeka iliso nokuvavanya zelo xesha lonyaka.</p> <p>Ukuqokelela ulwazi ekuhlaleni malunga neempembelelo nemfezeko yeprojekthi.</p> <p>Ukufunda kumanye amaphondo nokuthlekisa intsulungeko nonxulumano eNtshona Koloni.</p> <p>Ukuququzelela iisemina ezincinci malunga nophuhliso oludingekayo kule nkalo kwakunye neenkqubo zolwaluko ezigqwesileyo</p> <p>Ukumiselwa kwendawo yokwalusela engumkhombandlela ukulinga ezona nkqubo zolwaluko ezigqwesileyo</p>	<p>Ukuqokelela nokuqulunqa incwadi yemfundiso</p> <p>Oku kuza kunika isikhokelo esichubekileyo kubazali, kumagosa ezempilo nasekuhlaleni ngolwaluko</p> <p>Ukwazisa incwadi ngokusesikweni xa kuvulwa ixesha lokwaluka lonyaka ozayo</p>

12. Uphumezo



Jane Moleleki (Director: Arts, Culture and Language)

Date: 04 September 2014